



# UKUTHINTELA NOLAWULO LWESIFO SAMANQINA NOMLOMO

## Imibuzo esoloko ibuzwa (FAQs)

### 1. Yintoni isifo samanqina nomlomo?

Isifo samanqina nomlomo (FMD) sibuhlungu, sisifo esosulela lula imfuyo ngentsholongwane nesinemiphumela emikhulu kuqoqosho. Esi sifo sihlasela ezinkomeni, hagu, gusha, bhokhwe kunye nezinye ezetyisayo kwezinephuphu elibubini. Le ntsholongwane ifumaneka kuzo zonke iincidi zomzimba, nezinja ngamathe, umchamo, ilindle, ubisi nasemoyeni okhutshwa yimfuyo enesi sifo.

- Imfuyo yosuleleka sesi sifo xa isidla okanye iphefumlela / ibizela ngaphakathi le ntsholongwane ngenye yeencidi zomzimba.
- Nabantu basenokuyisasaza le ntsholongwane ngokwempahla enongcoliseko, izihlangu, izandla kunye namatayara esithuthi.



### 2. Zibonakala ngantoni iimpawu zesi sifo?

- Amadyungu-dyungu nezilonda emlonyeni (iintsini, iinyheke naselwimini) ziba zizilonda ezisentsha nezibuhlungu, nezenza kubenzima ukuba ingadla ze de ivuze nezinkcwe.
- Amadyungu-dyungu nezilonda eziphakathi kweenzwane nasekungqamaneni kwephuphu nofele, zingabangela ukuqhwalela de zingafuni ukuhamba-hamba.
- Iinkomo zinganezilonda kwiingono ze bele. Oku kukhokelela ekuncipheni ngokukhawuleza kwimveliso yobisi.

### 3. Kutheni ibalulekile le FMD?

- Amafama afumana ilahleko kwingeniso ngenxa yokuhla kobunzima kwimfuyo egulayo, ayikhuli kakuhle de ingabinakuvelisa ubisi olwaneleyo. Amankonyana wona angade afe.
- Kuchithwa imali eninzi ekuzameni ukulawula nasekungqandeni ukwanda kwesi sifo.
- Amazwe angenaso esi sifo akasoze ayithenge imfuyo, inyama okanye iimveliso zenyama zelizwe loMzantsi Afrika xa esi sifo sisasazekayo.



#### 4. Kufuneka ndenze ntoni xa kukho into endikrokrisayo?

- Ukuba uthe wabona iimpawu zesifo samanqina nemlomo, khawuleza uqhakamshelane ooGqirha Bonyango Lwemfuyo kuRhulumente abakufutshane kuwe.
- Imfuyo enesi sifo se (FMD) okanye ekrokrekelayo iyathintelwa ekubeni ingangena kwisilarha sokuxhelwa okanye ixhelwe.
- Xa le FMD ithe yakrokreleka ngokweziphumo zokuxilongwa kwesidumbu sayo esifileyo, kufuneka uphahla kunye namathumbi agcinwe ngendlela esiyixelelwa ngooGqirha Bonyango Lwemfuyo kaRhulumente.
- Kufuneka kucocwe igumbi nazo zonke izixhobo zokusebenza ngokuthi kusetyenziswe i “acetic acid” ukuze kuthintelwe ukusasazeka kwale ntsholongwane ingakwisilarha sokuxhela.

#### 5. Usixela njani esi sifo samanqina nomlomo?

- Ngolwazi olongezelekileyo kunye nokuxela iimeko ozokrokrelayo ngesifo samanqina nomlomo, nceda uqhakamshelane ne Ofisi yooGqirha Bonyango Lwemfuyo nekufutshane nawe yeSebe leZolimo eNtshona Koloni nezikho kulo lonke eli Phondo leNtshona Koloni. Jonga kwezi nkukacha zingezantsi nezizezoqhakamshelwano.

No.	Isithili	uGqirha Wonyango Lwemfuyo	Inombolo Yomnxeba	i Email
1	Beaufort West	Dr Jaco Pienaar	023 414 2154	Jaco.Pienaar@westerncape.gov.za
2	Boland - Elsenburg office	Dr Gary Buhrmann Dr Vivien Malan	021 808 5253 021 808 5026	Gary.Buhrmann@westerncape.gov.za Vivien.Malan@westerncape.gov.za
3	George	Dr Leana Janse van Rensburg	044 803 3771	Leana.JanseVanRensburg@westerncape.gov.za
4	Malmesbury	Dr Michael Swart	022 433 8910	Michael.Swart@westerncape.gov.za
5	Oudtshoorn	Dr Cathy Fox	044 203 9443/5	Cathy.Fox@westerncape.gov.za
6	Swellendam	Dr Christi Kloppers	028 425 4850	Christi.Kloppers@westerncape.gov.za Bidwell.Gelwana@westerncape.gov.za
7	Vredendal	Dr Chanel Lombard	027 201 3510	Chanel.Lombard@westerncape.gov.za
8	Worcester	Dr Christi Kloppers	021 808 5059	Christi.Kloppers@westerncape.gov.za

Last updated: April 2022

